NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2019

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II**
**ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II**

**MARKING GUIDELINES**

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

---

**These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.**

**The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.**

---

IEB Copyright © 2019 

## ICANDELO A

## UMBUZO 1

1.1 1.1.1 C.

1.1.2 NguEddie noLulama.

1.1.3 Unongqawuse.

1.1.4 Amapolisa abone imbumbulu ephuma kumpu oyi 38 *automatic* baze bacingela ukuba ukufa kwaba bantu kunxulumene nalo mpu.

1.1.5 Yingxabano phakathi kukaEddie noLinda. Ukunxila kukaLinda ngobusuku bokufa kukaLulama noEddie.

1.1.6 (a) kwipali yogesi.

(b) Amajiko-jiko.
Kungqubeka/Kubetheka.

1.2 1.2.1 NguLinda/NguLinda Monti.

1.2.2 Entolongweni.

1.2.3 B.

1.2.4 Ndiyamsizela kuba ubanjiwe kodwa akambulelanga uEddie. (Nayiphi impendulo echanekileyo eza nomfundi yamkelekile.)

1.2.5 Makanyamezele angalahli ithemba kuba uza kuvela/kufunyanwa umbulali. (Nayiphi impendulo echanekileyo necebisayo eza nomfundi yamkelekile.)

## UMBUZO 2

2.1 2.1.1 (e)
2.1.2 (g)
2.1.3 (c)
2.1.4 (f)
2.1.5 (h)
2.1.6 (b)
2.1.7 (a)
2.1.8 (d)

2.2 Umfundi makabe namanqaku amahlanu kula angezantsi:

- UHlobo watsarhwa lifuqasi levumba elibi lotywala kwabanzima ukuba ahambele phambili.
- Indlu yayizele umsi waba nesiyezi esimenze ukuba angabisakwazi nokubona.
- Wabila wafuthela phezulu ephelelwa ngumoya.

IEB Copyright © 2019

- Wagxadazela wayokugileka wayokuwa ngobuso phantsi.
- Kwataka ivolo-volo nencwadana yakhe yokuthatha amanqaku, ze wabhaqwa ukuba ngumcuphi.
- Waphakama apho wayokuhlala kwitafile ekwakuselelwa kuyo.
- UHlobo uqwalasele ukuba kukho iqaqobana labantu kwelinye icala leholo.
- Omnye kwabo bantu uye wajikeleza eholweni enika imiyalelo kubantu ababelapho.
- Baphuma abantu ngokomyalelo baya kwelinye igumbi apho kwakukhunjulwa uEddie, kubekwa uMdoda endaweni kaEddie.

***[Nasiphi isihlanu seengongoma siya kwamkeleka].***

**UMBUZO 3**

- Umthengisi makabulise uHlobo ze amamkele kuloo venkile.
- UHlobo uchazela umthengisi ukuba ufuna into eza kuba sisipho kwinkosikazi yakhe.
- Umthengisi umjikelezisa ivenkile ambonise iibhatyi zexabiso ezilapho nendlela ezisikwe ngayo.
- UHlobo ubuza ixabiso lazo.
- Umthengisi umxelela ngokufikeleleka kwamaxabiso kwezinye zazo aze ambonise nezo zibuyelelena *nemink coat* kwaye zibiza kakhulu.
- UHlobo ufuna ukuqonda ngenani labantu abanezi bhatyi zibufana ne-*mink coat.*
- Umthengisi uthi babini kuphela.
- UHlobo ucela amagama abo.
- Umthengisi uthi akasawakhumbuli, ukhumbula omnye kuphela, uLinda kaMonti.
- UHlobo ubonakalisa ukungoneliseki njengoko ebencwase ukuba umthengisi uza kumxelela ngomnye umntu hayi uLinda Monti kuba ebesele emazi yena.
- UHlobo uyabulela ze ahambe.

***[Nasiphi isixhenxe (7) seengongoma kwezi zingentla siyakwamkeleka].***

**Ulwabiwo lwamanqaku:**

| | |
|---|---|
| Iingongoma ezichanekileyo | Nika inqaku eli -1 kwingongoma nganye kwezisixhenxe ezinikiweyo/ezibekiweyo ngumfundi. |
| Intshayelelo nesiphelo | 1 inqaku |
| Isakhiwo | 2 amanqaku |

**OKANYE**

IEB Copyright © 2019

**UMBUZO 4**

- UDuma uxelela uHlobo ukuba uze kuqonda ngemeko kasisi wakhe, ekwaze kuqonda ngetyala abekwa lona.
- UHlobo uyamxelela ukuba usisi wakhe akabekwa tyala koko uncedisa amapolisa ekuphandeni.
- UHlobo ubuza uDuma ngobuhlobo phakathi kukaEddie noLinda
- UDuma uchazela uHlobo ukuba uEddie noLinda bebeza kutshata.
- UHlobo ucacisela uDuma ukuba bebengaxabani noLinda koko yindlela awaye wawungena ngayo umcimbi awayewuhambele eyenza ukuba kube ngathi kukho ingxabano.
- UDuma ubuza uHlobo kwakhona ngosisi wakhe ecela nokumbona.
- UHlobo uyala kuba esoyikisela ukuba bangamphazamisa eluphandweni lwakhe.
- UHlobo uyamkhulula uDuma ukuba ahambe.
- UDuma uyaphuma apho kodwa engonelisekanga yimpendulo ayifumene kuHlobo.

***[Nasiphi isixhenxe (7) seengongoma kwezi zingentla siya kwamkeleka].***

**Ulwabiwo lwamanqaku:**

| | |
|---|---|
| Iingongoma ezichanekileyo | Nika inqaku eli -1 kwingongoma nganye kwezisixhenxe ezinikiweyo/ezibekiweyo ngumfundi. |
| Intshayelelo nesiphelo | 1 inqaku |
| Isakhiwo | 2 amanqaku |

IEB Copyright © 2019

## UMBUZO 5

Kwimpendulo makuvele oku:

- UEddie wayemthanda uLinda.
- UEddie wangeja uLinda kuba efuna ukumtshata.
- UEddie wayengenazinjongo zokuhamba noLulama ukuya eRio koko nguLinda owalayo/ ongazange avume ukuhamba noEddie.
- ULinda wayengaphilanga, ngoko ke wayenesizathu esibambekayo sokungayi ebhayo.
- Kwileta eyayibhalwe nguLinda eyibhalela uEddie, uLinda uthi kuEddie makahambe noLulama.
- ULinda ebekuthethiswa oku sisikhwele kungekho nto ingenye ebeyicinga ngoEddie.
- Oku kuyangqinwa nguEddie kuba naye uyatsho kuLulama ukuba uLinda ebemqhula.
- ULinda ufonela uEddie umbuza ngeleta ebembhalele yona.
- Encokweni yabo uLinda uchaphazela indaba yesithandwa sesibini sikaEddie.
- UEddie uzama ukusabela kodwa uLinda zange amnike thuba kuba uthi uEddie uyamazi lo mntu athetha ngaye.
- UEddie uzenza onomsindo ugximfiza ifoni phantsi.
- Le ngxabano yayingeyo ngxabano inzulu kuba uLinda wawagqibezela amazwi akhe sele ehleka.
- UEddie naye uyayiveza le ngxabano ibikhona phakathi kwakhe noLinda kwaye uyatsho ukuba wayezenza onomsindo.
- ULinda waya kwaMaMkheyi wathenga utywala wasela, wanxila.
- ULinda wagoduka, wafika endlini walinganisa impahla yakhe.
- Iindaba zokufa kukaEddie noLulama zivakele sele kukudala umpu kaLinda walahleka.

**OKANYE**

## UMBUZO 6

Kwimpendulo makuvele:

- Ukuba uEddie wakhuliswa nguNkosazana Hobe.
- Ukuba uEddie waswelekelwa ngabazali esemncinci (yinkedama).
- Ukuba uEddie ufunde amabanga aphantsi eKomani.
- Ukuba uEddie ufunde amabanga aphezulu esinaleni eDikeni.
- Ukuba uEddie usebenze eMoonglow night club.
- Ukuba usebenze noThemba Mdoda, uThembisa Ntlokonkulu, uKhulile Dungane noWelile Nzulube. (Akunyanzelekanga ukuba umfundi ababhale bonke. Isibini kwaba sanele).
- Ukuba uEddie ebengumanejala.
- Ukungavisisani phakathi kukaEddie nabo ebesebenza nabo.
- Ukungavisisani kubangelwe yinto yokuba iqela elo ebesebenza nalo uEddie lifune kuthengiswe intsangu eMoonglow, kuba bekubona oko kungenza ingeniso kwishishini elo.
- Ukuba uEddie yena ebengavumelani nale ngcamango, kuba ebeyibona iMoonglow night club iyindawo apho abantu bangazonwabisa/ ukuziphumza emva komsebenzi wemini.

IEB Copyright © 2019

- Ukuba uEddie wadutyulwa, wasweleka evela eRio cinema.
- Ukuba uEddie wabulawa nguThemba Mdoda, uThembisa Ntlokonkulu, uKhulile Dungane, noWelile Nzulube.
- Ukuba uEddie ngumntu onenyani/ongahambisaniyo nezinto ezingekho semthethweni. Omnye umfundi usenokuthi ngudlalani.

(Yamkelekile naleyo impendulo).

## ICANDELO B

## IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthathaka Khowudi 2 39–30% | Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **20–17** | **16–14** | **13–12** | **12–10** | **9–8** | **7–6** | **5–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)** | Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. | Umxholo, ubonakalsa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze saphum' izandla. | Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. | Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. | Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenziwama, isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **10** | **7** | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)** | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo kwezivakalisi, imihlathi nezimvo nobude kugqwesile. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuyanelisa. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude sizamekile ukuphuhla. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude, asiphuhlanga ncam. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela. |

## IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| ISIQULATHO | AMANQAKU | ISITSHIXO |
|---|---|---|
| A: Umongo, uyilo nefomathi<br>B: Ulwimi, isimbo nokuhlela | 20<br>10 | Mongo =<br>Lwimi, simbo nohlelo = |
| **AMANQAKU EWONKE** | **30** | |

## IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthathaka Khowudi 2 39–30% | Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **6** | **5–4** | **4–3** | **3–2** | **2–1** | **1** | **1–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (6 AMANQAKU)** | Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. | Umxholo, ubonakalsa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze saphum' izandla. | Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. | Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. | Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenziwama, isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **4** | **4–3** | **3** | **2–3** | **2** | **1** | **1–0** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (4 AMANQAKU)** | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo kwezivakalisi, imihlathi nezimvo nobude kugqwesile. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kuyanelisa. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizanekile ukuphuhla. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude, asiphuhlanga ncam. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela. |

## IMIHLATHI EMIFUTSHANE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| ISIQULATHO | AMANQAKU | ISITSHIXO |
|---|---|---|
| A: Umongo, uyilo nefomathi<br>B: Ulwimi, isimbo nokuhlela | 6<br>4 | Mongo =<br>Lwimi, simbo nohlelo = |
| **AMANQAKU EWONKE** | **10** | |

**Amanqaku ewonke: 100**

IEB Copyright © 2019